UMTETELI

WA BANTU, JOHANNESBURG, 16TH AUGUST, 1924.

# Izililo! Ze Afrika!!

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Hai: Ukuhlala kwawo wodwa Umzi
Nokungenwa kwamasango alomzi
Obantu babenikwe Intsikelelo
Namhla simanga ngumzi wembandezelo.

Lux'akax'iwe upondo lwe Afrika
Nabalandelayo bobeta besotuka
Baqwab' izandla nabadiula ngendlela
Lomzi ungenayo nendawo yokudlela.

Intshaba zawo zatabata nembiza
Kwanezitshetshe nezitya zokutshiza
Nenkamba zonke kwanemihlakulwana
Yezizukululwana—kwizizukulwana
Izililo! Bo!

Zay' konxa i Afrika ngamakamandela
Nange Bhaibhile, mipu, zayikahlela
Ukonyizililo Umzi we Afrika
Zipi i Bhaibhile namhla Magqob'oka.

Namhlanje ifute lomlilo wazo
Ngati lidla indiza kwabeza nazo
Utini u Mprofeti u Yesaya?
Wakugqiba ukub'uqa, uyakub'uqwa—

Lomhlaba i Afrika ngumhlaba wetu
Besiduda six'entsa nobawo betu
Angakohliseki noze nge Nqanawe
Kaloku ahleli nawetu amaq'awe,

Siko sisahleli silele ngasonye
Sakuziv' indaba sogada ngelinye
Kulomitandazo yonk' asibangako
Echit' Abantsundu ngohlobo lungako:

Ejaca nengcingo, eqekeza mawa
Esuke Tukela ime nge Wukuwa
Izililo! Xa ndilapo makowetu
Ningetuki! Nganicinge ngezwe letu.

Kwahlutwa makaya kunye no Bukosi
Yaqaba, gqob'oka, bahamba ngepasi
Safun' ukuncama tina mzi ka Ngqika
Ngobume nikubo nina magqob'oka.

Obawo idyokwe bayapula kunye
Baza nezitropu baziqaula kunye
Ingonyama bay' bulala ehlatini
Bay' dlavula nenc'uka yasemzini.

Baza amehlo kade ndandibona
Akakuxelelanga na u Ntsikana
Yinyuse ingxelo! Iye ko Pezulu
Utshise nedini ngonyana omkulu.

Obawo babefungwa nangosebeleni
Agqushe Amatshawe adlobe enkundleni
Izililo! Xa ndilapo makowetu
Ningetuki! Nganicinge ngezwe letu.
Izililo! Bo! Awu!!